Western Cape Government • Wes-Kaapse Regering • URhulumente weNtshona Koloni

PROVINCE OF THE WESTERN CAPE

Provincial Gazette Extraordinary

6987

Thursday, 19 April 2012

Registered at the Post Office as a newspaper

(Copies are obtainable at Room M21, Provincial Legislature Building, 7 Wale Street, Cape Town 8001.)

PROVINSIE WES-KAAP

Buitengewone Provinsiale Koerant

6987

Donderdag, 19 April 2012

As 'n nuusblad by die Poskantoor geregistreer

(Afskrifte is verkrygbaar by Kamer M21, Provinsiale Wetgewer-gebou, Waalstraat 7, Kaapstad 8001.)

IPHONDO LENTSHONA KOLONI

Isongezelelo kwiGazethi yePhondo

6987

Lwesine, 19 Epreli 2012

Ibhaliswe ePosini njengePhephandaba

(Iikopi zifumaneka kwigumbi M21, kwiSakhiwo seNdlu yoWiso Mthetho yePhondo, e 7 Wale Street, eKapa 8001.)

OFFICE OF THE PREMIER OF THE PROVINCE OF THE WESTERN CAPE

P.N. 113/2012 19 April 2012

It is hereby notified that the following isiXhosa version of the Cape Town International Convention Centre Company Act, Act 8 of 2000, has been published for general information. The Afrikaans version was assented to by the Premier of the Province of the Western Cape on 28 June 2000 and was published in *Provincial Gazette Extraordinary* 5545, dated 7 July 2000.

No. 8 of 2000: Cape Town International Convention Centre Company Act, 2000

KANTOOR VAN DIE PREMIER VAN DIE PROVINSIE WES-KAAP

P.K. 113/2012 19 April 2012

Hiermee word bekend gemaak dat die onderstaande isiXhosa-weergawe van die Wet op die Kaapstadse Internasionale Konvensiesentrum-Maatskappy, Wet 8 van 2000, vir algemene inligting gepubliseer word. Die Afrikaanse weergawe is reeds op 28 Junie 2000 deur die Premier van die Provinsie Wes-Kaap bekragtig en is in *Buitengewone Provinsiale Koerant* 5545, gedateer 7 Julie 2000, gepubliseer.

Nr. 8 van 2000: Wet op die Kaapstadse Internationale Konvensiesentrum-Maatskappy, 2000

I-OFISI YENKULUMBUSO YEPHONDO LENTSHONA KOLONI

P.N. 113/2012 19 Epreli 2012

Kwenziwa isaziso sokuba le nguqulelo yesiXhosa yoMthetho weNkampani yeZiko leeNgqungquthela laMazwe ngamazwe laseKapa, uMthetho 8 ka-2000, upapashelwe ulwazi gabalala. Inguqulelo yesiBhulu yamkelwe yiNkulumbuso yePhondo leNtshona Koloni ngowama-28 Juni 2000 yaze yapapashwa kwiGazethi yeSikhawu yePhondo 5545, yowe-7 Julayi 2000.

Nomb. 8 ka-2000: UMthetho weNkampani yeZiko leeNkomfa laMazwe ngamazwe laseKapa, uMthetho, 2000

(Uxwebhu lwesiBhulu lutyikitywe yiNkulumbuso)
(Lwamkelwa ngowa 28 Juni 2000)

UMTHETHO

Wokubonelela ngokuba nesabelo kwePhondo eli kwiNkampani yeZiko leeNkomfa Zamazwe laseKapa, iCape Town International Convention Centre Company, kwinkxaso-mali enikwa le nkampani liPhondo eli, nangeminye imiba ephathelele kuyo.

KUWISWA UMTHETHO KE yiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngolu hlobo lulandelayo:—

ISAHLUKO 1

UTOLIKO

Iinkcazo-magama

1. (1) Kulo Mthetho, ngaphandle kwalapho indlela elisetyenziswe ngayo igama ilinika enye intsingiselo—

(i) ‘‘**igosa eliphendulayo**’’ lithetha iNtloko yeSebe leMicimbi yoQoqosho, uLimo noKhenketho;

(ii) ‘‘**uMthetho**’’ uthetha uMthetho weZiko leeNkomfa Zamazwe laseKapa;

(iii) ‘‘**uhlahlo-mali**’’ luthetha uqikelelo lwemali elindelweyo nenkcitho noluqulathe iinkcukacha zoko isetyenziselwa kona imali;

(iv) ‘‘**iZiko**’’ lithetha iZiko leeNkomfa Zamazwe laseKapa eliza kwakhiwa efosho eKapa ngokwemiqathango yokunikwa kweSunwest ilayisenisi yiBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni;

(v) ‘‘**iConvenco**’’ sisishunqulelo esimele iCape Town International Convention Centre Company (Propietary) Ltd, inkampani yabucala enemali yezabelo, njengoko kucaciswa kwisivumelwano sabanini-zabelo nakwiingongoma zoseko;

(vi) ‘‘**iSivumelwano seConvenco**’’ sithetha isivumelwalwano esatyikitywa ngurhulumente wephondo, iKhansile yeSithili seKapa, iSixeko seKapa neSunwest ngomhla we-3 Disemba 1999;

(vii) ‘‘**uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente**’’ uthetha uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente oyi(Public Finance Management Act), 1999 (uMthetho 1 ka-1999), njengoko wenziwe izilungiso ngoMthetho 29 ka-1999 kunye nayo nayiphi na imigaqo, imiyalelo yecandelo lenkcitho-mali karhulumente okanye izikhokelo ezithe zakhutshwa phantsi kwawo;

(viii) ‘‘i**Phondo**’’ lithetha iPhondo leNtshona Koloni;

(ix) ‘‘**urhulumente wephondo**’’ uthetha urhulumente wePhondo;

(x) ‘‘**uMphathiswa wezeMali wePhondo**’’ uthetha ilungu leKhabhinethi yephondo elongamele imicimbi yemali;

(xi) ‘‘**iSebe elinoxanduva loko**’’ lithetha isebe elinoxanduva lwemicimbi yezoqoqosho apha kurhulumente wephondo;

(xii) ‘‘**umphathiswa onoxanduva loko**’’ ithetha ilungu lekhabhinethi elinoxanduva lwemicimbi yezoqoqosho;

(xiii) ‘‘i**sivumelwano sabanini-zabelo**’’ sithetha isivumelwano esatyikitywa ngomhla we-8 Juni 1999 ngurhulumente wephondo, iKhansile yeSithili seKapa, neSixeko seKapa ngenjongo yokusekwa kweConvenco, esinokuthi sibandakanye nasiphi na isilungiso okanye uguqulo.

(2) Xa kuthe kwakho ubhekiso olwenziwayo kumqathango womthetho lo, olo bhekiso lubandakanya ubhekiso kuwo naxa sele wenziwe izilungiso okanye wamana ukuwiswa.

ISAHLUKO 2

IPHONDO NJENGOMNINI-SABELO KWICONVENCO

Ugunyaziso

2. Apha ke urhulumente ugunyaziswa ngokupheleleyo ukuba abe ngumnini-sabelo kwiConvenco, kwaye ke xa kunokuthi kubekho imfuneko ekuphuculweni kwendlela esebenza ngayo iConvenco, urhulumente wephondo kufuneka akwazi ukuba enze nayiphi na imisebenzi ekuvumelekileyo ngokwasemthethweni ukuba umnini-sabelo kwiConvenco angayenza, ngokwemiqathango yalo Mthetho.

Iinjongo zeConvenco

3. (1) Ngokwakulo Mthetho iinjongo zalo Mthetho zezi—

(a) ukuseka nokuzisa iziko leenkomfa eKapa;

(b) ukusungula nokuqoshelisa umsebenzi wolwakhiwo nophuhliso lweziko leenkomfa;

(c) ukuqinisekisa ukuba sisekiwe isigqeba solawulo nomsebenzi weofisi, ngokunjalo neenkqubo zolawulo zokuqhuba eli ziko;

(d) ukuqinisekisa ukuba kulandelwa izikhokelo zomgaqo-nkqubo ezifanelekileyo ekuqhutyweni kweli ziko leenkomfa.

(e) ukuqinisekisa ukuba iziko eli liyabhengezwa;

(f) ukuqinisekisa ukuba zikhona zonke izibonelelo zokunika inkxaso neenkonzo eziyimfuneko ekuqhutyweni ngokucikizekileyo kweli ziko kunye

(g) nokungenisa imali.

(2) Ekuzameni ukufezekisa ezi njongo zichakwe kwicandelwana (1), iConvenco kufuneka ilandele izimiselo zobonelelo lwababefudula besingelwe phantsi ngokuphathelele kwiintengo nakwingqesho.

(3) Iphondo eli linokuthi libe nesabelo kwiConvenco kuphela xa iConvenco izifezekisa ezi njongo zichazwe kwicandelwana (1).

Umelo lwePhondo kwiBhodi yeConvenco

4. (1) IKhabhinethi yePhondo kufuneka inyule umntu omnye okanye nabangaphezulu, abanokubandakanya noMphathiswa wezeMali wePhondo nomphathiswa owongameleyo njengabameli bephondo kwiBhodi yeConvenco.

(2) Abameli bephondo abanyulwe ngokwakwicandelwana (1) kufuneka babe ngabalawuli beConvenco, njengoko kucaciswa kwisivumelwano sabanini-zabelo

ISAHLUKO 3

IGALELO LIKARHULUMENTE WEPHONO KWI CONVENCO

Ukufunyanwa nokusetyenziswa kwemali

5. (1) Ngokuphathelele kwigalelo lemali elenziwa ngurhulumente wephondo kwiConvenco ngokwemiqathango yesivumelwano seConvenco okanye ekuthengeni izabelo kwiConvenco ngokwemiqathango yesivumelwano sabanini-zabelo, uMphathiswa wezeMali wePhondo usenokuthi akhuphe ezo mali zithe zagunyaziswa—

(a) njengenxenye yohlahlo-mali lonyaka oluthe lwamkelwa ngokwemiqathango yomthetho ofanelekileyo, okanye

(b) njengenxenye yohlahlo-mali olongezelelweyo oluthe lwamkelwa ngokwemiqathango yomthetho ofanelekileyo.

(2) Kuthathelwe ingqalelo icandelwana (1) ngentla apha, akukho nto imthintelayo urhulumente wephondo ekubeni nanini na, afake elinye igalelo lokuthenga ezinye izabelo kwiConvenco.

ISAHLUKO 4

ULAWULO LWEMALI

Ulawulo lwemali

6. Ngokwakulo Mthetho igosa eliphendulayo linoxanduva lolawulo lwazo naziphi na iimali ezithe zabelwa iConvenco ngurhulumente wephondo, kwaye kufuneka lilawule zonke ezo mali, linike inkcazelo ngazo zonke ngokwemiqathango yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente.

ISAHLUKO 5

EMINYE IMIQATHANGO NGOKUBANZI

Izahlulelo

7. Xa kuthe kwakho naziphi na izahlulelo ezithe zaziswa kubanini-zabelo, abangaba:, iKhansile yeSithili seKapa, iSixeko seKapa, urhulumente wephondo neSunwest, ezo zahlulelo zilunge kurhulumente wephondo ziya kuthi zithathwe njengemali eyingenelo, kwaye ke kufuneka ziye kufakwa kwiNgxowa Mali yeNgeniso yePhondo, iProvincial Revenue Fund.

Ukwenziwa kwengxelo

8. Igosa eliphendulayo kufuneka lithobele imiqathango yokunikwa kwengxelo njengoko icaciswa kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, kwaye kufuneka liqinisekise ukuba ingxelo yonyaka yeConvenco iyandlalwa kwiPalamente yephondo kwaye iyangeniswa nakuMhloli-zincwadi-Jikelele.

Ukuqala emva ukusebenza

9. Ukusebenza kwalo Mthetho kufuneka kuqale emva, ukusukela kumhla wokutyikitywa kwesivumelwano sabanini-zabelo ngomhla we-8 Juni 1999.

Isihlokwana esifutshane nomhla wokuqalisa

10. Lo Mthetho ubizwa ngokuba nguMthetho weZiko leeNkomfa Zamazwe laseKapa, 2000, kwaye uya kuqalisa ukusebenza ngaloo mhla uthe wamiswa yiNkulumbuso yePhondo ngompoposho kwi*Gazethi yePhondo*.